

Utywala nendawo yokusebenza

Wakhe wafika emsebenzini unevumba lotywala okanye uphantsi kweem-pembelelo zesityobisi? Ukuba ngaba ucinga oku akuqatshelwa kwaye akuyikwuchaphazela umsebenzi wakho, uyazikhohlisa. Ukusebenzisa izityobiso, nokuba butywala okanye nayiphi na enye into esisityobisi, inefuthe elibonakalayo nendlela abaziphatha ngayo abantu kwanendlela abawenza ngayo umsebenzi. Kuthi ngenxa yokuba abaqeshi kufuneka ngokomthetho baqinisekise ukuba abo babaqeshileyo bawenza ngendlela bayayenza imisebenzi yabo yemihla ngemihla, kwaye beyenza ngokufanekileyo, ngumsebenzi wabo kananjalo ukuba beka esweni abo banomkhawo wokusebenzisa izityobisi ukuze bangawuchaphazeli kakubi indlela elisebenza ngayo iqumrhu ngokubanzi kananjalo bangabuchaphazeli gwengxa ubomi boluntu naba bongakumbi abo basebenza kunye nabo.

Into embi ke kukuba ukusekela kotywala kunye/okanye nokusetyenziswa kwezityobisi yingxaki umsebenzi ngamnye aye adibane nayo nokuba kunini na. Ngenxa yoku ke, abaqeshi abaninzi kule mihla siphila kuyo bakhetha ukusebenzisa nokunyanzelisa umgaqo-inkqubo ephathelelene notywala ukuqinisekisa ngemiba emayela nokusetyenziswa kotywala nezityobisi ojongka ukuba ezo zinto zithathelwe ingqalelo enje ngendlela enobulungisa kwindawo yokusebenza.

Ukwenziwa komgaqo-inkqubo onjalo, kambe, akwenzeki nje lula ngaphandle kwempikiswano. Kulo mba ke, indlela elungele wonke umntu ibonakala ingasebenzi, umqeshi ngamnye uceyiswa ukuba aziqwebele owakhe umgaqo-inkqubo oyakuhambelana neemeko zomsebenzi kwindawo yakhe.

UPhambili umema bonke abafundi bakhe ukuba bayifunde ngocoselelo inkcazelo enikwe apha ngasezantsi baze banike izimvi zabo ngokwenza umgaqo-inkqubo ophathelelene notywala waseOverstrand bazithumele kwidesika yomhleli tzweni@overstrand.gov.za. Ngenxa yokuba lo mba usichaphazela sonke, masitsibele eli thub angokunika izimvo ezi-vakalayo kubaphathi.

Kutheni kufuneka aumgaqo-inkqubo

Kubonakala ukuba ingxaki yabasebenzi abafika benevumba lotywala emsebenzini, babusela nangexesha lomsebenzi utywala, bangabikho emsebenzini ngezinye iintsuku (okanye bangabikho iiveki) bangakhange banike ngxelo okanye benze isingxengxeko esingavakaliyo (ngamanye amaxesha beze namaphepha kagqirha, ngelinye ixesha alibikho kholona) kanti kufumanise kwanokuba ziyanda izihlo zokuqhe-sha nangexesha lelantshi "bayekuqabula." Kucacile ukuba le meko ayinakuyekwa nje ingalandelelwa: yiloo nto kukho imfuneko yokubakho komgaqo-inkqubo ochaza ngokucacileyo, mgaqo-inkqubo lowo uyakunceda umqeshi nomsebenzi xa kukho imiba ephathelelene notywala efuna ukuqwalasela.

Le ngxaki ayipheleli nje etywaleni bodwa, koko iphumela nasekusetyenisweni kwezinto eziqulathe izinto ezinxilisayo.

Ngenxa yokuba indlela yokuziphatha ekhankanywe ngasentla inganefuthe elibi kumqeshi, umsebenzi okanye amandla omsebenzi ekwenzeni imisebenzi yakhe, izityobiso zokungaziphathi ngendlela zisenokuba khona. Ukuba ke kuthe kwakho izityobiso ezinjalo, umgaqo-inkqubo ophathelelene notywala kwindawo yo kusebenza, nokuba sele emkili umsebenzi lowo emsebenzini, ezo zityobiso kufuneka ziqwalaselwe zize zixoxwe nabasebenzi bonke.

Ukuba awukho umgaqo-inkqubo onjalo, umqeshi angazibhaqqa sele engenantlo imsekelayo ekhokelela ekubeni kubekho inkqubo yoluleko ngakuloo msebenzi waphula imigaqo engekhoyo. Kambe nakuba kunjalo siyayivuma yona into yokuba asimigaqo yonke ekufuneka ithi ukuze ibe iyasebenza ide ibe ibhalwe, ngenxa yokuba eminye imigaqo iyaziwa ngoko ke ayifuni ukude ibhalwe, loo nto ingazenza nzima izinto ukuba akukho migaqo injalo emsebenzini, kwaye ibiya kwenzak uhambeke lula xa imigaqo leyo ikhona kwindawo yokusebenza.

Kutheni kufuneka sizenzele imigaqo-inkqubo

Okwangoku, akukho "mgaqo-inkqubo uvunyiweyo" wokujongana nezi meko zikhoyo zokuziphatha, isizathu sesokuba njengoko zibonakala iindlela ezinokulandela, indlela eya kulungela wonke umntu ayibonakali iyinto engalula ukwenzeka. Makhesithiumqeshiunemigaqoethileayisebenzisayokumabesebenziabkheke-

wiimekoezinobungoziemisebenzini, njengakubaqhubibezigadla, abasebenzi abasebenzangoomatshiniokanyeizixhoboezithile, abaqhubibeefork-truck (amadambaneokulayisha) abaqhubibeecranenjanonjalo.Ngokwalemigaqo, iqondoelamlekelelyolotywalaemzimbeniwomntuowenzalemisebenzikufunekaibhaphantsikahlukulunelobelinokuvumelekakumntuousebenzaeofisiniaophi le misebenziilungiselelwakhona.

Kuvakalangathikuyacalulaoku?Akunjalo! Aphaiimekoezihambangokwendlelaezenziwangayoizinto.

Umzekelo, umqhubowenqwelo-moyaoselautywalaangaloiyure ezingama-24 kantiuzakubhainqwelo-moyaandelayo, uyakwalelwakubaawenzeumsebenziwakhe.Uyakuhululwaagoduke.Kantiakukhongxakikumsebenziousebenzaeofisiniesebezakwangelenqwelo-moyainye,oseleutywalaiyure ezingama-24 ngaphambikokubaangenekwishiiftlandleyokubauzakuwenzangokwesiqheloum-sebenziwakhekwindawoasebenzelakuyo.

Oku kukucalulaokunobulungisa.

Ngokuke, makhe sijonge umqhubi wenqwelo-moya kunye nowesigadla: ukuba umqhubi wesigadla ufika emsebenzini enuka igrangqa aze umqeshi amvumele ukuba aqube aze agile ngengozi umntu afe, ngumqeshi ekuya kufuneka oyakubekwa ubutyala kuba emvumele umqhubi ukuba aqube.

Kwelinye icala, umsebenzi waseofisini ofika emsebenzini enuka igrangqa ngomye umba owahlukileyo: akazenzakalisi yena okanye elinye lamalungu ache ngokuhlala edesikeni esenza umsebenzi, nangona engenakuwenzanga ngokufezekileyo.

Yiloo nto ke umgaqo-inkqubo ophathelelene notywala usenokubonakala ucalula ngokwendlela owenziwe ngayo ngokuxhomekeke kumanqanaba ohlukeneyo abaqeshi abohlukeneyo.

Ukunabisa ngalo mba: ukuba umqeshi unawo umgaqo-inkqubo ochazayo ukuba ukulala emsebenzini loo nto liityalae ligxothisayo kwaye umntu owenza iti uthe wabhaqwa elele ekhishini, kuyathandabuzeka ukuba umqeshi angakwazi ukuzithethelela xa loo mntu etyhola ngokuba ugxothwe ngendlela ngenabulungisa ngumqeshi. Kodwa ukubangaba unogada uthe wabhaqwa elele eemsebenzini, iimeko ziyohluka, kwaye ukugxothwa kwakhe kuya kusenokuba kwenzeka ngokobulungisa.

Ngokufutshane, umqeshi kufuneka anike ingqwalasela xa kuyilwa nako okuqalathwa ngumgaqo-inkqubo ophathelelene notywala. Umgaqo-inkqubo kufuneka ube nemigaqo yokulawula indlela obusetyenziswa ngayo utywala emsebenzini ngexesha lomsebenzi, apho kufuneka abasemagunyeni, oomanejala nabamel ikufuneka "badibane" ngokumana besiya kwiilantshi ejoliswe kwezomsebenzi, bathabathe inxaxheba nangemihla yomdlalo wegalufa, njalo njalo.

Indima yabalawuli
Luxanduva labalawuli ukwenza umgaqo-inkqubo ophathelelene notywala nokusetyenziswa kwezityobisi. Ikwaluxanduva lwabalawuli (ngokubhekiselele kule meko, "abalawuli" babhekiselela kumntu wonke okwisikhundla sokuphatha) ukuqinisekisa ukuba umgaqo-inkqubo onjalo uyamiselwa.

Kambe nakuba kunjalo, umgaqo-inkqubo akufuneki uqine ngoko kude wenze ingxaki yokuba abasebenzi boyike ukuza ngaphambili. Loo mgaqo-inkqubo uya kusuka ubenze abasebenzi abanengxaki yokusela utywala bazenze izinto zabo ngendlela abangenakubhaqeka ngayo - kwaye oku kuyayandisa ingxaki kuba ngaphandle kokuba umsebenzi esela, nomqeshi angangumntu osela azifihle.

Indima yakho

Njengoko kucacisiwe kwintshayelelo leli nqaku, kuya kuxhomekeka emntwini wonke ukuba awafumane kangoko amagalelo kubo bonke abachaphazelekayo ukwenza umgaqo-inkqubo waseOverstrand ophathelelene notywala nokusetyenziswa kwezityobisi. Ngoko ke lixesha lokuvakalisa iimbono zakh nezinto ezikuxhalabisayo uchaze nangamava onawo exesha elidulileyo malunga noku. UPhambili kuthi gqolo ekwazisa ngezinto ezenziweyo okwaye asebenze njengeforam yokwabelana ngeengcinga nangezimvo zakho.

UCWANGCISO LWEDOLOPHU LUMANYANISIWE

Ukususela ngomhla woku-1 Septemba 2014, imisebenzi yocwangciso lwedolophu yaseOverstrand iya kufuduswa yenzelwe kwii-ofisi zesebe kuphela e-16 Patterson Street, Hermanus. Oku kuthetha ukuba iofisi eziseGansbaai naseKleinmond aziphindi zisebenze. Ngemibuzo ethe vetshe tsalela kule nombolo 028 313 8900

TOWN PLANNING NOW CENTRALISED

With effect from 1 September 2014, Overstrand's town planning function will be centralised and operate from the department's offices at 16 Patterson Street, Hermanus only. This implies that the offices in Gansbaai and Kleinmond will no longer be operative. All enquiries should in future be directed to 028 313 8900.

INkundla kaMasipala yenziwa ngcono



Ukufunyanwa kwesiqinisekiso sokuqhubeka nomsebenzi wokulungiswa kuphuculwe iHarmony House kwiSebe lobuLungisa kuthathelwe phezu ukuze kulungiselelwe iNkundla yamaTyala yo-Masipala waseOverstrand ikwazi ukusebenza ngokukuko.

Eyona njongo iphambili yale nkundla kukuqinisa umthetho kumgangatho womasipala kwaye kwenzelwa ukuqinisekisa ukujongana nabo bophula imithetho kamasiipala efana nemithetho yendlela.

Ukuba konke kuhamba kakuhle ngokwesicwangciso, le nkundla iyakube isebenza ekupheleni kwenyanga kaOktobha.

IMINCILI & USIZI

Ingaba sizinikela ngako konke na ekwenzeni umsebenzi wethu?

Siyathemba ukuba impendulo kulo mbuzo onika inkxalabo iya kuphenduleka kwakam-sinya xa kuphuma iziphumo zophando oluza kwenziwa yiProductivity SA. Olu phando oluya kuthatha iinyanga ezintandathu luya kuqala kwiCandelo leziMali. Luphunyezwe ngabalawuli ngenjongo yokusungula indlela yokusebenza ngokukoko kumasipala lowo. Nanjengoko kulindelekele ukuba uphando luze neendlela ezizizo zolawulo nokumisela ngendlela eyiyo umasipala neyakuthi iphucule okanye ibuyisele emva indlela osebenza ngayo umasipala oko kuthethwa ngabaphathi.

Olu phando lakuquka imiba efana nobunkokheli, ungenelelo lokwenza ngcono umsebenzi, ukwaneliseka emsebenzini nokuzinikela, indlela umntu ngamnye azinikela ngayo emsebenzini nesakhono sokwenza umsebenzi kulo msebenzi wakho.



uHugh-Daniël Grobler

Ophumeleleyo ngu...

UZola Bongoza omomothekileyo, othe kutsha nje wathabatha inxaxheba kuSuku lokuQatshelwa kwezeMpilo ebibanjelwe eKleinmond, uphume apho engaziva yimincili ngokufumana isiqinisekiso sokuba impilo yakhe isentle kakhulu. U-sale itikiti elimphumelelise ibhaso elikhulu elinikezelwe ngabakwaHerbalife.

le Roux wakwaHerbalife onike ingcebiso ngokusetyenziswa kwebhaso eliphunyelelwe nguZola ukuze abe nempilo engcono.



NguMargie le Roux uZola Bongoza



NguVanessa Ventura

Unobhala omkhulu e Gansbaai kwincinno lwencwadi ufumana igunya kuqukwa nabasebenzi.

UKUNXIBELA IMPUMELELO



ULuanda Mafuya noPriscilla Mayile

ULuanda Mafuya noPriscilla Mayile banengcingane yokuba "ukujongeka ngokufanelekileyo" xa usiya e-ofisini kukwenza uzive unophumeleleyo. "Ukuba unxiba ngendlela oziva ngayo, ujongeka ngokufanelekileyo. Abantu bayakuqaphelisisisa." Ngaphezulu kwezinto zonke, ukujongeka umhle kukwenza ukuba ukwazi ukumelana nayo yonke imingeni ohlangabezana nayo. Kutheni ungenzi njengoko besenza, nawe ubukeke umhle emsebenzini? Ukunxiba ngokufanelekileyo akukwenzi ubukeke umhle kuphela kodwa kuyakuphucula ngokwendlela oyiyo ujongeke ngokomntu othathela ingqalelo nantoni na odlula kuyo.



uVuyani Bhonga

AMAZWI OVELWANO

Kungovelwano ukuva ngokunduluka omnye wabasebenzi bethu obesebenza kwisebe lamanzi nezemijelo yamanzi amdaka, uVuyani Bhonga, ngoLwesiThathu, umhla we 9 ku Julayi wama 2014 eneminyaka eyi 54. UVuyani ebethshate isintu noNomvuzo Bara kwaye bebehlela bobabini eOverhills ePlackerskamp. Sidlulisa amazwi ovelwano kwifemeli yakhe ngokubanzi kwelxesha libuhlungu kangaka banga bangomelela ngalo lonke inxela bathembele ku Thixo.

UMFOTI OFANELE UKUNIKWA INGQALELO

UHugh-Daniël Grobler, ongumsebenzi kuLawulo lwaseGansbaai, kutsha nje uphumelele ukhuphiswano lokufota imifanekiso yendalo ebulubonelelwa ngezimali ngabakwa-Die Burger and Cape Union Mart.

Lo mfofi ugqwesileyo utsale umdla kakhulu kubagwebi bokhuphiswano ngomfanekiso wakhe obalaseleyo weliza. Kunamhlanje nje uHugh-Daniel ubuthe iimbasa ezininzi kwaye uyakuthanda ukufota iindawo zendalo ezinomtsalane.

Kumabhaso emali awaphumeleleyo uHugh-Daniël kuquka nekhamera yohlobo lweNikon exabisisa ama-R23 000, iwawutsha elinganiselwa kuma-R10 000 neentsuku ezimbini ezihlawulelweyo zokuhlala kumyezo wezilwanyana.

Usebenzile mhlekazi, yanga impepho yamazisa aseOverstrand ingazisondeza kufuphi iimbasa!

DIBANA NENKOSIKAZI ENOBUGCISA KWEZOHLAZA ULAUREN RAINBIRD

Lo moya uthembisayo wentwasahlobo uzisa ulonwabo lokungqina ukudubula kweentyatyambo nezityalo ezimibalabala ezithe tshitsihlali idolophu yonke. Singabulela kubani? Eyethu yona ingcali kwezohlaza, uLauren Rainbird othe kwimeko yokushiya liqabane lakhe ngomhla wama-24 kuJulayi kodwa usenawo amandla okubonisa ubugcisa bakhe bezityalo. Siyabulela kakhulu ngemizamo yakho Lauren, langa ilifu elimnyama olithweleyo lingabonakala lifunqeka lisuka kuwe ukuze kuvele ilitha lethemba elifana nesiqalo sempilo entsha nengcono.



UBUSAZI / UVILE

AbakwaGillion bamkela isigpho esiyinto yonke kubo

NgoEpreli uGermaine Gillion ube ngumakhulu ozingca kakhulu ngokuba belizwe ngomntwana omhle kakhulu oyintombi ogama linguNevaeh Summer Gillion.

UMakhulu uGermaine uthe: "Uyingelosi entle nencinane. UThixo usikhanyisele ebomini bethu. Ndakusoloko ndibulela kuBawo ngale ntyatyambo encinane ezisa ulonwabo ezimpilweni zethu. Uyintsikelelo kuthi."



linguNevaeh Summer